

INTO EKUFUNEKA UYAZI


Uphando Lwe-3D Lwenyikima Lwe-Searcher Geodata UK Ltd

Ifumana uGunyaziso lokusiNgqongileyo

Imvume yophengululo 12/1/048

KweyeNkanga Kowama-2024

INDAWO YOMDLA



Umzobo 1: Usuka kwiNgxelo yoVavanyo oluSisiseko lowama-2024.

INDAWO YE-PROJECT ECETYWAYO IMALUNGA NAMA-256 KM KUDE NONXWEME LWASE ST HELENA BAY, INABELA EMANTLA KUNXWEME OLUSENTSHONA UKUYA MALUNGA NAMA-220 KM KUDE NONXWEME LWE HONDEKLIP BAY. INDAWO YOVAVANYO IMALUNGA NAMA-30,000 KM2 NAPHAKATHI KWE-1,000 M KUNYE NE-3,500 M UBUNZULU.



NGOWE 2022, INKUNDLA EPHAKAMILEYO YOMZANTSI AFRIKA YAFUMANISA UKUBA I-SEARCHER AYIPHUMELELANGA UKUBONISANA NABALOBI ABAKHASAYO, ABANTU BOMTHONYAMA, IMIBUTHO ENGEKHO PHANTSI KUKARHULUMENTE, KUNYE NAMANYE AMAQELA ACHAPHAZELEKAYO ANOMDLA EKUFUMANENI ILUNGELO LAYO LOKUHLOLA NGOKWENZA UPHANDO LWENYIKIMA – OLUBIZWA NGEMVUME YOPHENGULULO - YAYEKISA I-SEACHER EKUQHUBENI UPHANDO LWENYIKIMA.

NNANGONA KUNJALO, EKUPHELENI KOWE 2022, EKWAKUSAYA KUBA LISEBE LEMITHOMBO YEZIMBIWA KUNYE NAMANDLA LWANIKA I-SEARCHER UGUNYAZISO LOKUSINGQONGILEYO YOPHANDO LWENYIKIMA KWINDAWO EKUDE NONXWEME LOMZANTSI AFRIKA NGAPHANTSI KWEMVUME YOPHENGULULO 12/1/043.

I-SEARCHER YAQALA UMSEBENZI WAYO WOVAVANYO LWENYIKIMA KWEYOMDUMBA KOWE 2024 KODWA AYIKWAZANGA UKUGQIBEZELA UPHONONONGO OLWALUCETYIWE.

Yintoni Uphando Lwenyikima?

Uphando lwenyikima lubandakanya ukusasaza amaza esandi elwandle ukwenza umfanekiso womgangatho wolwandle. Kusebenzisa izixhobo eziphambili ukuthumela amaza anamandla esandi emanzini athi abuye umva xa ebetha iingqimba ezahlukeneyo zomgangatho wolwandle. Oku kwenza umfanekiso wento ephantsi kolwandle kwaye kunceda izazinzulu ziqonde apho kusenokuba kukho i-oil okanye i-gas efumanekayo ngaphantsi komgangatho wolwandle.

Hondeklip Bay


St Helena Bay

iKapa

NATURAL JUSTICE



**UMMANDLA WOPHANDO LWE-3D UDIBANA NEENDAWO
EZICHONGIWEYO NJENGE-CRITICAL BIODIVERSITY AREA 1 NATURAL
AND CRITICAL BIODIVERSITY AREA 2 NATURAL.**



Umzobo 2: Usuka kwiNgxelo yoVavanyo oluSisiseko lowama-2024.

IXESHA LEZIGANEKO

IMVUME YOKUQWALASELA KWAKHONA:

IMvume yokuQwalasela kwakhona ifunyanwa kwiSebe leMithombo yeziMbiwa ne-Petroleum, kodwa iqwalaselwa nge-Petroleum Agency of South Africa (PASA). Zombini iMvume yokuQwalasela kunye noGunyaziso lokusiNgqongileyo ziyafuneka kuphando lwenyikima.

UVAVANYO OLUSISISEKO:

UVavanyo oluSisiseko yinqubo emfutshane yovavanyo lwempembelelo yokusingqongileyo. Ezi mpembelelo zovavanyo lwenyikima zichongiwe kwaye zibekwe kuyilo lweNgxelo yoVavanyo oluSisiseko (Basic Assessment Report). Uluntu luya kuba nethuba elinye lokuhlomla nge-BAR. Emva koku, i-BAR iyaqakunjelwa kwaye iSebe leMithombo yeziMbiwa naMandla (DMRE) linokunika ugunyaziso kwi-Searcher ukuba enze uphando lwenyikima.

IZIMVO ZOLUNTU:

Onke amaQela Anomdla Nachaphazelekayo anikwe ithuba lokuhlomla kuyilo lweNgxelo yoVavanyo oluSisiseko (Basic Assessment Report) ngomhla we 12 kweyeKhala kowama 2024

INGXELO YOVAVANYO OLUSISISEKO (BASIC ASSESSMENT REPORT) YOKUGQIBELA IPAPASHIWE:

INGxelo yoVavanyo oluSisiseko eluyilo ibandakanye zonke izimvo ezifunyenweyo. Oku kungeniswe iSebe leMithombo yeziMbiwa naMandla (DMRE) ukuze liphonononge kwaye ithathe isigqibo.

ISIGUNYAZISO:

SILAPHA

Igosa elisuka kwi-DMRE lanikeza isigunyaziso ngowe 12 kweyeDwarha kowe 2024 esivumela i-Searcher ukuba iqhubele phambili nophando lwenyikima.

YINTONI ELANDELAYO?

Ngoku ekubeni iSebe lisikhiphile isaziso ngesigqibo salo, onke amaQela Anomdla Nachaphazelekayo abhaliswe kuvimba weenkukacha ze-project kufanele ukuba azisiwe ngesiphumo sesicelo kunye nezizathu zeso sigqibo.

Amaqela Anomdla Nachaphazelekayo kunye nabani na onomdla wokubhena kugunyaziso lokusingqongileyo banexesha kude kube ngumhla we-13 kweyeNkanga kowama 2024 ukuba bangenise isibheni. Isibheni kufuneka singeniswe kwiSebe lezamaHlathi, ukuLoba nokusiNgqongileyo.



IINKCAZOMSEBENZI KUNYE NEZINTO EZINXULUMENENAZO*

*Esi sisishwankathelo semisebenzi evela kwiNgxelo yoVavanyo oluSisiseko, ayizizo iinkcazelo zomsebenzi ezichaziweyo.

INQANAWA YOVAVANYO

Kuya kubakho inqanawa enye yovavanyo, exhotyiswe ngemithombo yolwazi (streamers) kunye nemithombo yenyikima. Isixhobo esimamela isandi (acoustic instrument) siya kutsalwa emva kwenqanawa, ngaphantsi komphezulu wolwandle, kwaye siya kukhupha izandi zokubetha kwesandi elwandle. Ukuya kuthi ga kwii-streamers ezili-12 ziya kutsalwa ngasemva kwenqanawa, kubunzulu obumalunga ne-6 m ukuya kwi 25 m, kwaye iphawulwe ekugqibeleni ngee-buoys(i-anchour edadayo esebenza njengophawu lokukhangela indlela, ukubonisa uqaqa lwamatye okanye ezinye iingozi) Imithombo yolwazi (streamers) iya kuba yi-12,000 m ubude kunye ne-2,000 m ububanzi.



INQANAWA YENKXASO

Inqanawa yovavanyo iya kuxhaswa sisikhephe esinye sokukhapha ukunceda ekugcineni ezinye iinqanawa kumgama okhuselekileyo, ukuthutha abasebenzi, kunye nokuthwala inkunkuma. Ukukhutshwa kwenkunkuma okuqhelekileyo ngenxa yomgangatho (deck) kunye nesithuba soomatshini sokukhupha amanzi kunokwenzeka.



II-HELICOPTER

Ii-helicopter zingasetyenziselwa ukuhambisa abasebenzi phakathi kwenqanawa yokuhlola, inqanawa yokukhapha, kunye nomhlaba.



ON-SHORE LOGISTICS BASE

Isiseko solungiselelo lonxwemesiya kuba kwiZibuko laseKapa (esikhethwayo) okanye eSaldanha Bay.



ISISHWANKATHELO SOKUNGABAKHO MALUNGA NEMPEMBELELO ECHONGWE KWINGXELO YOVAVANYO OLUSISISEKO *

*Ezi mpembelelo zibalulwa kwiingxelo zeengcali kwiNngxelo yoVavanyo oluSisiseko. Esi sishwankathelo sibonelela ngamagqabantshintshi kwaye asibandakanyi zonke iimpembelelo ezichongiweyo.

IIMPEMBELELO KWIINTLANZI KUNYENOBOMI BASELWANDLE

Uvavanyo lwenyikima lunoluhlu olubanzi lweempembelelo kubomi baselwandle, kubandakanywa ukwenzakala ngokwasemzimbeni, ukufa, utshintsho lokuziphatha, kunye nokuncipha kwempumelelo yokuzala. Izandi ezikhutshwe ngexesha lophando lwenyikima ziye zadityaniswa nomonakalo wenyama ezithambileyo, umonakalo kwizitho ezisetyenziselwa ukungcekelela kunye nokuqhelaniswa (nendawo eziphila kuyo izilwanyana), kunye nokutshintsha okwethutyana kunye nokusisigxina kwikhono lokuva. INgxelo yoVavanyo oluSisiseko ibonisa ukuba izilwanyana zaselwandle kuqikelelwa ukuba ziya kuba neempembelelo zokuva ukuya kuthi ga kwi-4.6 km ukusuka kumthombo. Ngenxa yokubaluleka kokuva ekuveliseni nasekunxibelelaneni, lo monakalo unokuchaphazela iintlobo zezilwanyana ezimbalwa nezisengozini yokuphela. Ingxelo ithi iintlobontlobo zezilwanyana eziquka i-humpback, i-Antarctic mink, fin, sei, sperm, neminenga ebulalayo, kunye namahlengesi, kusenokwenzeka ukuba zihamba kule ndawo. Ezinye iintlobo zezilwanyana ezichaphazekileyo ziquka ufudo olusemngciphekweni wokuphela, oluneendlela zokufuduka ezidlula kunxweme olusentshona; i-African Penguin esemngciphekweni omkhulu wokuphela, ebonise utshintsho ekufumaneni ukutya kunye neempembelelo zempilo ngenxa yophando lwenyikima; i-Cape fur seal; kunye neentlobo ezininzi ze-pelagic ezifana ne-tunas kunye ne-blue marlins.

IIMPEMBELELO ZOKUPHILA

Kusenokubakho iimpembelelo kushishino nokuloba kwabakhasayo kwindawo leyo, ngofikelelo oluncitshisiweyo kwiindawo zokuloba kunye notshintsho kwimveliso yentlanzi kunye nohlobo lwazo lokuziphatha. Akukho mikhumbi yokuloba inokuza kumgama we-165 km² yenqanawa yovavanyo ngenxa yendawo efunekayo yokungabandakanywa kuphando. Ngaphaya koko, notshintsho oluncinci inkqubo yendalo (ecosystem) lunokubangela iimpembelelo zonikezelwano (domino effect) kwiintlanzi nakwizilwanyana zasendle kwindawo leyo. Utshintsho olunje ngokuncipha kwamanani eentlanzi kusenokwenzeka ukuba lukhokelele kwiziphumo ezibi zoqoqosho kuluntu olulobayo kwaye ekugqibeleni luchaphazele kakubi ukhuseleko lokutya kwindawo leyo. Ubomi sele busengozini ngenxa yenkqubo yokuloba, ukuloba ngokugqithisileyo, ukunqongophala kwamathuba engqesho, ungcoliseko, iziphumo zokutshintsha kwemozulu kunye nobhubhani we-Covid 19 waktutshanjwe. Ukongeza, i-project ayinakwenzeka ukuba ibe nesiphumo sokwanda kwamathuba engqesho kuluntu lwengingqi kufutshane nesiza se-project. Imisebenzi iya kuba yeyabantu abanobuchule obuphezulu, kwaye baya kuba mbalwa kubo.

IIMPEMBELELO KWINKCUBEKO KUNYE NELIFA LEMVELI

Uphando lwenyikima kulwandle lunokuphazamisa indlela yokuphila, yenkcubeko, kunye nokuphila kwabantu basekuhlaleni abanoxibelelwano nolwandle. Ingakhokelela ekutshatyalalisweni kwemithombo yenkcubeko kunye neyomoya eyona nto ibalulekileyo kwingqiqo yobuqu, ubunikazi kunye nesidima. Umzekelo woku yilahleko ebalulekileyo ekulobeni ngokwesiko nokuzonwabisa ngenxa yotshintsho kumanani eentlanzi nakwiindawo ezifudukayo. INgxelo yoVavanyo oluSisiseko iqaphela ukuba umngcipheko wentlalo kunye nomonakalo onokubakho kumalungelo enkcubeko nawemveli unokuba neempembelelo ezibalulekileyo kuluntu olusele lusesichengeni. Ilifa lenkcubeko kunye nelifa lemveli eliphilayo elinxulumene noluntu olunxulunyaniswa namashishini okuloba kunye nokuphila elwandle kunye nokuchongwa ngakumbi njengoluntu lwemveli kunokuchatshazelwa yi-project ecetywayo. Uphando kunye neengxoxo zibonise ukuba ukuwohloka ngokwembali kwezoqoqosho kushishino lokuloba kukhokelele ekuphulukaneni nentsebenziswano yoluntu, imisebenzi kunye nezithethe.

YIBA YINXALENYE

Kutheni kufuneka ndibandakanyeke?

Umsebenzi ocetywayo unokuchaphazela uluntu oluhlala kufutshane nommandla we-project noluntu oluxhomekeke kulwandlekazi. Ukuba uvakalelwa kukuba ugunyaziso lokusingqongileyo bekungafanelanga lunikezelwe, kubalulekile ukuba ungenise isibheni. Isibheni sinesiphumo sokunqanda okwethutyana i-Searcher ekwenzeni uhlobo lwenyikima kude kube kuthathwe isigqibo ngezibheni.

Indlela yokubandakanyeka:



Qokelela ulwazi oluninzi malunga ne-project. Onke amaxwebhu e-project afumaneka kwi-internet [APHA](#).



Bhalisa njengamaQela Anomdla Nachaphazelekayo nge-email: searcher48@eims.co.za. Ngenisa isibheni sakho ngokuchasene nogunyaziso lokusingqongileyo. **Ukuba sele ubhalisile njengamaQela Anomdla Nachaphazelekayo kule project, akukho mfuneko yokuba wenze njalo kwakhona.**



Gcwalisa isibheni sakho ngendlela emiselweyo njengoko ichaziwe kwicandelo elilandelayo.



Ngenisa isibheni sakho ngowe [13 KweyeNkanga kowama 2024](#)

Isibheni sakho kufuneka sithunyelwe kwezi dilesi ze-imeyile zilandelayo ngaxeshanye:

1. Department of Forestry, Fisheries and the Environment

Appeals and Legal Review Directorate
Attention: Director: Appeals and Legal Review
Email: appeals@dffe.gov.za

2. Petroleum Agency SA

Attention: The Chief Executive Officer
Email: EAappeals@petroleumagencyrsa.com


3. Department of Mineral Resources and Energy

Attention: Director: Legal Services
Email: Pieter.Alberts@dmre.gov.za

4. Environmental Impact Management Services (EIMS)

Email: searcher48@eims.co.za

Nceda ubandakanye inombolo yesalathiso ye-EIMS '1623' kunye nenombolo yesalathiso yePASA '12/1/048 xa ufaka isibheni sakho.



UKUMILA KWESIBHENO

Isibheni sakho kufuneka sifakwe kwiFomu yesiBheni emiselweyo onokuyifumana [APHA](#).

Xa uthumela isibheni sakho, ikopi yesigunyaziso sokusingqongileyo kunye nobungqina bokuba usifumene isaziso sogunyaziso kufuneka ziqhotyshelwe kwi-email yakho.

Ubungqina bunokuba ngumfanekiso wobuso befowuni (screenshot) / umfanekiso we-email yesaziso / i-SMS.


Ukongeza, i-email yakho kufuneka ibandakanye **enye** yezi ngxelo zilandelayo zokuthobela:

1. Ukuba ufumene isaziso sogunyaziso lokusingqongileyo

“Ndifumene isaziso ngesigqibo [ngomhla wokufaka], ngoko esi sibheni singeniswa kwiintsuku ezingama 20. Okuqhotyoshelwe apha yikopi yesaziso nesigunyaziso sokusingqongileyo. Andinazo izixhobo zokuthumela isibheni kuzo zonke ii-I&AP kwaye ndicela ukuba i-EAP ithumele isibheni kuvimba wayo weenkukacha.”

2. Ukuba awusifumananga isaziso sogunyaziso lokusingqongileyo


“Andizange ndisifumane isaziso sogunyaziso lwendalo esingqongileyo kodwa ndiye ndaluqonda [umhla wokufakwa], ngoko esi sibheni singeniswa zingaphelanga iintsuku ezingama 20. Ndiqhuboshele ikopi yesigunyaziso sokusingqongileyo. Andinazo izixhobo zokuthumela isibheni kuzo zonke ii-I&AP kwaye ndicela ukuba i-EAP ithumele isibheni kuvimba wayo weenkukacha”.



KUFUNEKA UCINGE NGANTONI?

Li-project zineziphumo ezithe ngqo nezingathanga ngqo kuluntu, kwaye kubalulekile ukucinga malunga nokuba ezi ziphumo zinokuba yintoni na. Le mibuzo ingezantsi iya kukunceda uchonge kwaye ucinge ngempembelelo ye-project kuluntu lwakho.

- **Indlela yokuziphilisa:** Ingaba le project iza kubuchaphazela njani ubomi bam, ingqesho okanye umvuzo wam?
- **Impilo:** Ingaba le project iza kuba nefuthe kwimpilo yam okanye yoluntu lwam?
- **Indawo:** Ingaba le project iza kuba nefuthe elinjani ekufikeleleni nasekusebenziseni kwam iindawo zokuqubha nolwandle? Ingaba ndidla ngokuloba kwindawo ye-project okanye ndityhutyha indawo ye-project ukuze ndifikelele kwiindawo zam eziqhelekileyo zokuloba?
- **Iintlobo zendalo yaselwandle naselunxwemeni:** Ingaba umsebenzi we-project uza kuchaphazela indlela iintlanzi kunye neentlobo zeentaka ezihamba ngayo kwindawo?
- **Iinzuzo:** Ingaba le project iza kubonelela wena okanye uluntu lwakho ngengqesho kwaye zeziphi iintlobo zezakhono ezifunekayo ukuze uqeshwe? Ingaba ngumsebenzi wexesha elide? Loluphi uncedo oluza kuziswa yi-project kuluntu lwam?
- **Iifa lenkcubeko elingaphathekiyo:** Ingaba le project iza kuba nefuthe njani kuwe kwizenzo zenkcubeko nezomoya ezinxibelelene nolwandle?
- **Izizukulwana ezizayo:** Ingaba le project iya kubachaphazela njani abantwana bethu nezizukulwana ezizayo?



INDLELA YOKULUNGISA IZIMVO ZAKHO

Akukho mimiselo okanye iimfuno zendlela zokucwangcisa ngayo izimvo zakho. Apha ngezantsi kukho umzekelo wendlela onokwenza ngawo uluvo lwakho.

1. Ungubani?

- Kutheni i-project ibalulekile/ifanelekile kuwe
- Umele bani?

2. Ziziphi iziphene kwiNgxelo yoVavanyo oluSisiseko?

- Yintoni engacacanga okanye engekhooyo?
- Yintoni efuna uphando olongezelelweyo
- Phakamisa nayiphi na enye inkxalabo. Umzekelo ukuthatha inxaxheba koluntu

3. Yahlula inkxalabo yakho

- Inqaku elinye kumhlathi
- Nika isihloko kumhlathi ngamnye
- Beka eyona ngxoxo inamandla / eyona nto iphambili kuqala

4. Cacisa uze uqaphele ungaquki ngokubanzi

- Sebenzisa izibakala kangangoko
- Phimisela imithombo-lwazi oyisebenzisayo
- limvakalelo zilungile

5. Qukumbela ngokuthetha into oyifunayo

